

*(English text signed by the President.)
(Assented to 30 March 2004.)*

UMTHETHO

Ukubonelela-Ngokwahlulwa okukuko kwemali-ngeniso ekulindeleke ukuba iza kuqokelelwa kuzwelonke kumanqanaba karhulumente kazwelonke, amaphondo noomasipala ngonyaka-mali ka yowama-2004/2005; imiqathango yoniko-ngxelo yolo Iwabiwo; ukuvunyelwa kokurhoxiswa kunye nokulityaziswa kwentlawulo kwimeko ezithile; ubutyala ngeendleko ezivela ekumangalelwani ngokwaphula kwemigaqo yokuphatha ngentsebenziswano nobudlelwane eburhulumenteni; nokulungiselela imibandela ephathelene noko.

INTSHAYELELO

NANGONA Isiqendu 214(1) soMgaqo siseko sifuna ukuba uMthetho wePalamente ubonelele —

- (a) ngokwahlulwa okukuko kwemali-ngeniso eqokelelwe kuzwelonke kumanqanaba karhulumente kazwelonke, amaphondo noomasipala;
- (b) ukuggitywa ngesabelo esisiso sephondo ngalinye kuloo mali-ngeniso; kunye
- (c) nalo naluphi na ulwabiwo-mali Iwamaphondo, oorhulumente boomasipala okanye oomasipala olusuka kwisabelo sikazwelonke saloo mali-ngeniso, nemiqathango olunokwenziwa ngayo olo Iwabiwo.

KWENZIWA LO MTHETHO KE NGOKO yiPalamente yeRephabliko yoMzantsi Afrika, ngolu hlobo lulandelayo:—

ISAHLUKO 1

INKCAZO-MAGAMA NENJONGO ZALO MTHETHO

Inkcazo-magama

5

1. (1) Kulo Mthetho, ngaphandle kokuba umxholo walatha okunye, igama okanye umhlathi onikwe intsingiselu kuMthetho wokuPhathwa kweMali zoLuntu liya kuba nentsingiselu, efanayo kulo Mthetho yaye—

- | |
|--|
| I. “ unyaka mali wocwangciso mali ” uthetha unyaka mali oqala ngomhla woku-1 kaApreli 2004 yaye uphele ngomhla wama-31 ka-Matshi 2005; 10
II. “ igosa eliyintloko ” malunga nengxowa mali yephondo lithetha intloko yesebe yephondo elinoxanduva lwezemali kwelo phondo;
III. “ uMthetho weKomishini yezeMali ” uthetha “Financial and Fiscal Commission Act,” 1997 (uMthetho No. 99 ka-1997);
IV. “ uMthetho wobuDlelwane kubuRhulumente ngeMali-Ngeniso yoLuntu ” uthetha “Intergovernmental Fiscal Relations Act,” 1997 (uMthetho No. 97 ka-1997); 15
V. “ igosa elingumewangcisi-mali zikamasipala ” lithetha igosa likamasipala elixelwe kwisiqendu 60 soMthetho wokuLawulwa kweMali zooMasipala;
VI. “ unyaka-mali kamasipala ” uthetha unyaka mali kamasipala oqala ngomhla woku 1 kaJulayi yaye uphele ngomhla wama-30 kuJuni; 20
VII. “ uMthetho wokuLawulwa kweMali yoMasipala ” kuthetha “Local Government: Municipal Finance Management Act,” 2003 (uMthetho No. 56 ka-2003); |
|--|

- VIII. “**uMasipala**” uthetha okufanayo nokuqulethwe kwisiqendu soku 1 soMthetho wokuLawulwa kweMali yoMasipala;
- IX. “**uMthetho weMo yooMasipala**” uthetha “Local Government: Municipal Structures Act,” 1998 (uMthetho No. 117 ka-1998);
- X. “**uMthetho wemiGaquo-nkqubo yooMasipala**” “Local Government: Municipal Systems Act,” 2000 (uMthetho No. 32 ka-2000);
- XI. “**unyaka-mali olandelayo**” uthetha unyaka-mali oqala ngomhla woku-1 April wama-2005 ukuya kuma-31 Matshi 2006;
- XII. “**isihlomelo sentlawulo**” sithetha isihlomelo esidwelisa—
- (a) isixa-mali sesavenge ngasinye yesabelo esisiso okanye olunye ulwabiwo oluya kwenzelwa iphondo okanye umasipala ngaloo nyaka-mali; 10
 - (b) umhla emakuhlawulwe ngawo isavenge ngasinye; yaye
 - (c) ubani ne i-akhawunti yebhanki engundoqo emakuhlawulwe kuyo isavenge ngasinye. 15
- XIII. “**ukumisela**” kuthetha ukumisela ngemimiselo ngokwesiqendu 33;
- XIV. “**i-akhawunti yebhanki engundoqo**” ithetha—
- (a) malunga nephondo, i-akhawunti yebhanki yeNgxowa-Mali yeMali-Ngeniso yePhondo, eqinisekiswe ligosa eliyintloko lovimba-mali wephondo kuVimba-Mali kaZwelonek njenge-akhawunti yebhanki 20 emakufakwe kuyo ulwabiwo-mali ngokwalo Mthetho;
 - (b) malunga noomasipala, one akhawunti yebhanki enye ithetha loo akhawunti yebhanki; okanye
 - (c) malunga nomasipala one akhawunti zebhanki ezininzi, ithetha enye yezo akhawunti zebhanki ekugqitywe ukuba yiyona akhawunti 25 yebhanki eqiniselweyo.
- XV. “**uMthetho wokuLawulwa kweMali zoLuntu**” uthetha “Public Finance Management Act,” 1999 (uMthetho No. 1 ka-1999);
- XVI. “**ikota**” ithetha—
- (a) 1 Aprili ukuya kuma-30 Juni; 30
 - (b) 1 Julai ukuya kuma-30 Septemba;
 - (c) 1 Oktobha ukuya kuma-31 Disemba; okanye
 - (d) 1 Januwari ukuya kuma-31 Matshi;
- XVII. “**igosa elingumamkeli**”—
- (a) malunga nolwabiwo mali lweZihlomelo isi-4 eis 5 olunikezelwe kwiphondo, ngaphandle kolwabiwo lwezixhobo zokusebenza lwamaphondo, lithetha igosa lemali lesebe elinoxanduva lokusebeniza nokuphatha olo lwabiwo mali; okanye
 - (b) malunga nolwabiwo-mali lweZihlomelo 6 no 6A olunikezelwe kumasipala, lithetha igosa locwangciso-mali likamasipala, 40 ngaphandle kwenxalenye yowlabiwo lwemali yezixhobo zokusebenza ngokwesiqendu se-11(7), ebekelwe ukusetyenziswa phambi komhla wama-30 Septemba wama-2003 yaze yasetyenziswa ngqo ligosa locwangciso-mali lesebe likazwelonek lorhulumente bomasipala endaweni yomasipala, 45
- XVIII. “**igosa elinkezelwa ngemali likaZwelonek**” lithetha umcwangcisi-mali wesebe likazwelonek onikezelwa kumaphondo okanye umasipala kwizihlomelo 4, 5, 6, okanye 6A ulwabiwo mali kodwa aliquiki igosa locwangciso-mali likaVimba-Mali kaZwelonek malunga nolwabiwo-mali oludweliswe kwezo ziHlomelo olukwi-voti zolwabiwo lukaVimba-Mali kaZwelonek; 50
- XIX. “**igosa elinkezelwa ngemali lephondo**” lithetha igosa elingumcwangcisi-mali elinoxanduva lwesebe lephondo lokuphatha ulwabiwo-mali lweZihlomelo lesi-5, 6 okanye 6A ukulungiselela ukulunikezelwa kwiphondo elililo. 55
- (2) Ukuba kungakho ukungangqinelani phakathi kokuqulethwe ngulo Mthetho kunye nokuqulethwe nguMthetho wokuLawula kweMali yoMasipala okusebenzayo, iziqendu zoMthetho wokuLawulwa kweMali yoMasipala ezingangqinelaniyo naloMthetho ziya kumiswa apho zingangqinelani khona kude kube ngumhla woku 1 Aprili 2005.
- (3) Isiqendu sama-35 soMthetho wokuLawula iMali zoLuntu, iseqendu-sesi-3 soMthetho weKomishini yezeMali kunye nesiqendu 9 soMthetho WemiGaquo-nkqubo yooMasipala azisebenzi malunga namandla nemisebenzi enikezelwe kwiphondo okanye kumasipala ngokwalo Mthetho. 60

Injongo zalo Mthetho

- 2.** Injongo yalo Mthetho ku—
- (a) kubonelela ngolwabiwo ololulo lwemali-ngeniso ekulundeleke ukuba izakuqokelelwea kuZwelonke kumanqanaba omathathu karhulumente;
 - (b) kukhuthaza intsebenziswano ngemvisiswano nemigaqo yobudlelwane 5
kuburhulumente kwimiba yemali nemali-ngeniso yoluntu;
 - (c) kukhuthaza intsebenziswana ephuculweyo phakathi kwemigaqo, ucwangciso,
ukulungiswa kolwahlulo-mali nokuphunyezwa kwamabakala lawo;
 - (d) kukhuthaza ukuqikeleka nokuqiniseka malunga nalo lonke ulwabiwo-mali
loorhulumente bamaphondo noomasipala ukwenzela ukuba abo rhulumente 10
noomasipala bakwazi ukucwangcisela ulwabiwo-mali lweminyaka
ngeminyaka yabo;
 - (e) kukhuthaza ulwabiwo-mali olusekuhleni kulo lonke ulwahlulo kuquka
malunga nendlela ulwahlulo olwenziwa ngayo;
 - (f) kukhuthaza uxanduva lokuphendula olululo ekusebenziseni izibonelelo 15
zoluntu ngokuqinisekisa ukuba zonke iimali ezinikezelwayo ziyabonakaliswa
kulwabiwo-mali loorhulumente bamaphondo naboomasipala abafumanayo;
yaye
 - (g) kuqinisekisa ukuba amanyathelo asemthethweni phakathi kwamaqumrhu
karhulumente kuwo onke amnqanaba karhulumente ayanqandwa 20
kangangoko.

ISAHLUKO 2**ULWABIWO-MALI LWEZABELO OLULULO**

**Ukwahlulwahlulwa okukuko kwemali-ngeniso ekulindeleke ukuba iza
kuqokelelwa kuzwelonke kumanqanaba karhulumente** 25

3. (1) Imali-ngeniso ekulindeleke ukuba iqokelelwe kuzwelonke kuloo nyaka-mali
mayahlulahlul lwe phakathi kwamanqanaba karhulumente kazwelonke, amaphondo
noomasipala njengezabelo zabo ezizizo njengoko kuchaziwe kuLuhlu-A
lweSihlomelo-1.

(2) Ulwahlulo lwemali-ngeniso ekulindeleke ukuba iqokelelwe kunyaka-mali 30
olandelayo nonyaka-mali wama-2006/2007 yaye iyakuba iphantsi kwemiba yoMthetho
woLwabiwo lweMali-Ngeniso wonyaka-nonyaka yabo nyaka-mali, ichazwe
kuLuhlu-B lweSihlomelo-1.

(3) Ngaphandle kokuqulethwe kwisiqendwana-(2), uMphathiswa unako ukuba,
malunga nonyaka-mali olandelayo kude kube kuqala ukusebenza uMthetho 35
woLwabiwo lweMali-Ngeniso wonyaka-nonyaka waloo nyaka-mali, agqibe ngesixa-
mali esingedlulanga kumashumi amane anesihlanu ekhulwini solwahlulo olulindeleke
kunyaka-mali okulandelayo, njengoko sichazwe kuLuhlu-B lweSihlomelo 1, ukuba
sinikezelwe njengomrhumo ongqamene neNgxowa-Mali yeNgeniso kaZwelonke esiya
kwiphondo ngalinye nakumasipala.

Ulwahlulo olululo lwasabelo samaphondo phakathi kwa-maphondo

4. (1) Isabelo esisiso sephondo ngalinye kwisabelo semali-ngeniso yamaphondo
ekulindeleke ukuba iqokelelwe kuzwelonke kunyaka-mali ichazwe kuLuhlu-A
lweSihlomelo-2.

(2) Isabelo esisiso esilindelekileyo sephondo ngalinye semali-ngeniso ekulindeleke 45
ukuba iqokelelwe kuzwelonke kunyaka-mali wama-2006/2007, yaye iphantsi kwemiba
yoMthetho woLwabiwo lweMali-Ngeniso ngaloo minyaka, ichazwe kuLuhlu-B
lweSihlomelo-2.

(3) Phantsi kokuqulethwe pantsi ikwesiqendu 28(2), isabelo esisiso sephondo
ngalinye esichazwe kwisiqendwana (1) masinikezelwe kwiphondo elo ngezavenge 50
zeveki ngokwesihlomelo sentlawulo esiqulunqwe nguVimba-Mali kaZwelonke, emva
kokuthethana negosa eliyintloko loovimba-mali bamaphondo. Isihlomelo sentlawulo
masithathe ingqalelo yokusetyenziswa kwemali ngamaphondo, imali ngeniso ekhoyo
kuloo maphondo nokuzama ukucutha umngcipheko wendleko zokusetyenziswa kwaloo
mali namatyala.

(4) Ngaphandle kokuqulethwe kwisiqendwana (3), uMphathiswa, unako ukuba ngokwemiqathango agqibe kuyo, aboleke iphondo imali ngokwesabelo salo esisiso esichazwe kwisiqendwana (1), lingekafiki ixesha lokuba zinikezelwe ngokwesihlomelo sentlawulo echazwe kisiqendwana (3) malunga nelo phondo.

(5) Imboleko ezichazwe kwisiqendwana (4) mazibuyekezwe ngesabelo ebésiya 5
kunikezelwa kwiphondo elo ebésiya kuhalawuleka ngokweso sihlomelo sentlawulo.

Ukwahlulwa okukuko kwezabelo zoorhulumente boomasipala phakathi koomasipala

5. (1) Isabelo ngasinye soomasipala kwisabelo semali-ngeniso ekulindeleke ukuba iqokelelwé kuzwelone malunga nonyaka-mali sichazwe kuLuhlu A lweSihlomelo-3. 10

(2) Ulwahlulo olulindelekileyo phakathi komasipala Iwemali-ngeniso ekulindeleke ukuba iqokelelwé kuzwelone malunga nonyaka-mali olandelayo nonyaka-mali ka2006/2007 ephantsi kwemiba yoMthetho woLwabiwo IweMali-Ngeniso yaloonyaka-mali, ichazwe kuLuhlu B lweSihlomelo-3.

(3) Phantsi kokuqulethwe kwisiqendwana 4, ukwabelwa komasipala ngamnye 15 okulindelekileyo kwisiqendwana (1) makunikezelwe kwi akhawunti engundoqo yaloo phambi kukaMeyi, Agasti, Novemba no Februvari kuloo nyaka mali ngokwesihlomelo sentlawulo esiqingqwe nguVimba mali kaZwelone.

(4) UMphathiswa ojongeneva noorhulumente boomasipala, ngokuthethathethana noMphatiswa, nangemiqathango agqibe kuyo uMphathiswa, unokuboleka umasipala imali ngokwesabelo sakhe esisiso esichazwe kwisiqendwana (1), ukuba isigqeba sephondo siye sangenelela kumasipala ngokwesiqendu sep-139 somgaqo Siseko, lingekafiki ixesha lokuba sinikezelwe ngokwesihlomelo sentlawulo esichazwe kwisiqendwana (3) malunga naloo masipala. 20

(5) Naziphi imboleko ezichazwe kwisiqendwana (4) mazibuyekezwe ngesabelo 25 ebésiya kunikezelwa kumasipala lowo ebésiya kuhalawuleka ngokweso sihlomelo sentlawulo.

(6) Nakubeni kukho nayiphi na into kwisiqendwana (3), uVimba-Mali kaZwelone angaxelela igosa lemalí lesebe likazwelone lorhulumente boomasipala ukuba lilibazise okanye likubambe ukunikezelwa kwesavenge, ngezizathu zokuba umasipala lowo uthé gqolo esaphula ngokungundoqo imimiselo ecwangcisiweyo yemigaqo nemiqathango kavimba-mali eqgityiweyo. 30

(7) Imimiselo ecwangcisiweyo yemigaqo nemiqathango echazwe kwisiqendwana (6) iquka imfuneko yokuba umasipala maka—

(a) nikeyele kuMphicothi-zinCwadi Jikelele ungadlulanga umhla wama-30 35 Epreli 2004, onke amaxwebhu owangciso mali angekafakwa, anxulumene nonyaka-mali bakamasipala abaphambi konyaka mali kamasipala wama-2003/2004;

(b) nikeyele kuVimba-Mali kaZwelone, ungedlulanga umhla wama-30 kuJuni 2004, ucwangciso lwabiwo-mali Iwabonyaka-mali kune naziphi na 40 ezinye inkukacha ngocwangciso Iwalo-Iwabiwo-mali wama-2004/2005 ezifunwayo nguVimba-Mali kaZwelone eziquka kodwa zingapelelanga, kwiinkukacha ngemo nangobungakanani beenkonzo zamanzi, zelindle, zombane nezinto zokusebenza zoomasipala kuquka iinkonzo eziyimfuneko ezingamaqalela ezingahlawulelwayo, emazinikezwe nguloo masipala; 45

(c) nikeyele kuMphicothi ziNcwadi Jikelele noVimba-Mali kaZwelone ungadlulanga umhla wama-30 Septemba 2004, inkukacha ngokuphunyezwka kocwangciso lwabiwo-mali, malunga nonyaka mali wama-2003/2004 woomasipala ngendlela eqgitywe nguVimba-Mali kaZwelone;

(d) nikeyele kuVimba mali kaZwelone zingadlulanga iintsuku ezingama 20 50 emva kokuphela kwekota eqala ngomhla woku-1 Julayi wama-2004, iinkukacha zokusetyenziswa kocwangciso lwabiwomali, kuquka iinkukacha ezifunekayo kude kubé sekupheleni kwekota—

(i) ngemalingeniso eqokelelweyo, ngemali ebolekiweyo nalo lonke ulwabiwo olufunyenweyo ngokwalo Mthetho; yaye 55

(ii) nokusetyenziswa konke, kuquka okwamanzi, okwelindle, okombane, okwenkonzo ezingundoqo ezingahlawulelwayo nokwezixhobo zokusebenza;

- (e) oomasipala bengingqi okanye basekhaya, mabasebenzisane kwimiba yezemali, ucwangciso mali kunye nemiba yezengeniso mali nabanye oomasipala kuloo ngingqi abakuyo ukulungiselela ukuba kuncitshiswe ukuphinda phindwa ekwabiweni kokunikezela ngeenkonzo, kuncitshiswe inkcitho yaye kuqinisekiswe ukusetyenziswa kulungiselewa ukunikezelwa kweenkonzo ngendlela epheleleyo neqhubekeyo kuloo ngingqi; yaye
- (f) abhatale ngexesha, lonke uxanduva lwakhe lwasemthethweni kuquka zonke iirhafu, iindleko, imali zophicotho, ezoncedo lokugula nezomhlala phantsi.
- (8) Iimali ezibhatalwa ngekota zesabelo esilinganayo ngezavenge ezixelwe kwisiqendwana sesi-3, zingenziwa kodwa zixhomekeke ekubeni igosa locwangciso mali likamasipala linikezele ngenkcukacha ezifunwayo ngokweziqendwana (6) okanye (7) kuVimba-mali kaZwelone, yaye ziqinisekise ukuba umasipala uzithobela njani iziqendwana (6) okanye (7), zingadlulanga iintsuku ezingama 21 phambi komhla wokudluliswa kwezo zavenge.
- (9) Nangani kukho okuqulethwe ziziqendwana (6) no (7), uVimba-mali kaZwelone 15 angayalela ukuba imali mayidluliselwe kumasipala, apho athe—
- (a) wanika inkaza ebhaliwego athi uVimba Mali kaZwelone agqibe ukuba ilungile; okanye
- (b) usengozini yokusilela ukunikeza iinkonzo ezingundoqo ezingahlawulelwayo ngenxa yoko kulibaziseka okanye ukubanjwa kwemali. 20

Ukusilela nokugqithisa kwemali-ngeniso

6. (1) Ukuba eyona mali-ngeniso eqokelelwe kuzwe lonke kunyaka-mali lowo isilele kwimali-ngeniso ebilindelekile echazwe kwisiHlomelo1, urhulumente kazwelone uyayithwala inkcitho leyo.
- (2) Ukuba imali-ngeniso eyiyo eqokelelwe kuzwelone kunyaka-mali lowo igqithile kwimali-ngeniso ebilindelekile echazwe kwiSihlomelo 1, eso sixa-mali igqithe ngaso singena kurhulumente kazwelone senze inxalenye yesabelo sakhe esisiso.
- (3) Nakubeni kukho nayiphina into ekwisiqendwana (2), urhulumente kazwelone unokuthi mali okanye nawuphina omnye umthetho wolwabiwo-mali, ukongezelela kwizabelo ezikwiziqendu 4 no 5 nolwabiwo oluchazwe kwiSahluko sesi-3, enzele amaphondo noorhulumente boomasipala ulwabiwo-mali olongezelelweyo kwisabelo sakhe esisiso esiqokelelwe kwimali-ngeniso okanye imali egcinelwe amaxesha kaxakeka. 30

ISAHLUKO 3

OLUNYE ULWABIWO-MALI OLWENZELWA AMAPHONDO NOOMASIPALA

35

Olunye ulwabiwo-mali

7. (1) Olunye ulwabiwo-mali olwenzelwa amaphondo noomasipala kwisabelo sikarhulumente kazwelone semali-ngeniso ekulindeleke ukuba iqokelelwe kuzwelone luchazwe kuLuhlu A lwezi ziHlomelo zilandelayo : 40
- (a) IsiHlomelo 4 siqulethe ulwabiwo-mali olwenzelwa amaphondo ngezizathu ezibanzi nangemisebenzi ebekwe nguzwelone;
- (b) IsiHlomelo 5, siqulethe ulwabiwo-mali olunenjongo ecacilelyo olwenzelwa amaphondo;
- (2) Ukwahlulwahlulwa okulindelekileyo kulwabiwo-mali lwamaphondo esuka kurhulumente kazwelone kwemalingeniso ekulindeleke ukuba iqokelelwe kuzwelone kunyaka-mali olandelayo nakunyaka-mali wama-2006/2007 oluphantsi kwemiba yoMthetho woLwabiwo lweMali-ngeniso wonyaka-nonyaka ngaloo minyaka luchazwe kuLuhlu-B lweziHlomelo ezichazwe kwisiqendwana (1).
- (3) Nakubeni kukho nayiphi na into ekwisiqendwana (2), uMphathiswa unako ukugqiba, malunga nonyaka-mali olandelayo kude kuqale ukusebenza koMthetho woLwabiwo kweMali Ngeniso, ukuba isixa-mali esingedlulanga kumashumi amane anesihlanu ekhulwini sesabelo esilindeleke kulwabiwo-mali lonyaka-mali olandelayo, njengoko zixelwe kuLuhlu B lweZihlomelo ezixelwe lwesiqendu-1 sinikezelwe kwiphondo njengentlawulo-ngqo kwiNgxowa-mali yeMali-ngeniso kaZwelone. 50
- 55

(4) Olunye ulwabiwo-mali olwenzelwa oorhulumente boomasipala malunga nonyaka-mali kwisabelo semali-ngeniso karhulumente kazwelonek ekulindeleke ukuba iqokelelw kuzwelonek luchazwe kuLuhlu A Iwezi ziHlomelo zilandelayo :

- (a) ISihlomelo 6 no 6A, siqulethe ulwabiwo olunenjongo ecacileyo olwenzelwe oorhulumente boomasipala; yaye
- (b) ISihlomelo 7, siqulethe ulwabiwo olungeyomali olwenzelwe oomasipala ukwenzela iinkqubo ezizodwa ezityunjelwe oko.

(5) Ulwabiwo-mali ekulindeleke ukuba Iwenzelwe oorhulumente boomasipala kunyaka-mali olandelayo nakunyaka-mali u2006/2007, noluphantsi kwemiba yoMthetho woLwabiwo IweMali-Ngeniso yonyaka-nonyaka yaloo minyaka luchazwe kuLuhlu B IweziHlomelo ezichazwe kwisiqendwana (4).

(6) UMPHATHISWA kufuneka, ungekadluli umhla wama-1 kuAprili 2004, apapashe kwiGazethi efunekayo ngokwesiqendu 24(1), isabelo somasipala malunga nolwabiwo loorhulumente boomasipala oluchazwe kwiziqendwana (4) no (5).

(7) Nangona okuqulethwe kwisiqendwana (5), uMPHATHISWA angaggiba, malunga nonyaka-mali olandelayo kude kuqale ukusebenza uMthetho woLwabiwo IweMali-ngeniso waloo nyaka mali, ukuba isixa-mali esingedlulanga kumashumi amane anesihlanu ekhulwini solwabiwo olulindelekileyo kulwabiwo-mali lonyaka-mali olandelayo esixelwe kuLuhlu-B IweZihlomelo masinikezelwe kumasipala njengentlawulo-ngqo kwiNgxowa-mali yeMali-ngeniso kaZwelonek.

Ukunikezelwa kumaqumrhu

8. (1) Apho icandelo likarhulumente likazwelonek okanye lephondo kufuneka linike imali kwiqumrhu loluntu ukulungiselela ukuba kunikezelwe ngeenkonzo okanye umsebenzi kamasipala emva ko30 Juni 2004, mali kwenze oko ngokunikezela ezo mali kumasipala lowo ngqo, nangokumalunga nesiqendwana (2), ngaphandle kokuba uVimba-mali kaZwelonek ubona ngolunye uhlobo.

(2) Iqumrhu loluntu malingayifumanu imali ngqo okanye bucala kuzwelonek okanye kwiqumrhu lelingu lesizwe lephondo ukwenzela ukunikezelwa ngeenkonzo zikamasipala kumasipala emva ko 30 juni 2004, ngaphandle kokuba elo qumrhu loluntu lithe ngo30 Juni 2004 lazisa uVimba-mali kaZwelonek ngokubhaliwego ukuba lisebenza njengequmrhu elingaphandle likamasipala ngokweSahluko 8 soMthetho woMgaqo-nkqubo yooMasipala. Apho iqumrhu loluntu nomasipala lowo bengakwazi ukufika esigqibeni ngalo mhla ongentla, iqumrhu loluntu nomasipala mabaxelete uVimba-mali kaZwelonek ukuba eso sigqibo kuyakufikelela nini kuso.

(3) UVimba-mali kaZwelonek angakubamba ukubhatalwa kwaso nasiphi na isipho esiya kwiqumrhu loluntu ukuba iqumrhu loluntu liyasiela ukuthobela isiqendwana (2).

(4) Iqumrhu loluntu elifumana izipho mali, ngqo okanye ecaleni ezsuka kwiqumrhu likazwelonek okanye elephondo sokunikezela iinkonzo zikamasipala kumasipala malixele kumasipala lowo nakuVimba-mali kaZwelonek, zingaphelanga iintsuku ezsixhenxe zokusebenza ekupheleni kwenyanga nganye, ubungakanani bemali esetyenzisiwego kwezo nkono zikamasipala yaye ethe yafumana imali yazo, okanye inelungelo lokubuyiselwa imali kwezo mali ezinikezelwe kumasipala.

(5) Ukuba umasipala akalibuyiseli elo qumrhu loluntu ngokwesi siqendu, uVimba-mali kaZwelonek angayalela ukuba zibanjwe imali ezililungelo likamasipala, aze abhatale elo qumrhu loluntu ngqo.

Ukufakwa kwemali okungadweliswanga kwiziHlomelo

9. Ulwabiwo olungadweliswanga kwiziHlomelo ezichazwe kwisiqendu 7 lungenziwa kuhphela ngokwesiqendu 6(3) okanye ngokwemiba yomthetho wokuphathwa kwemali zoluntu yaye mayipapashwe kwiGazethi nguMPHATHISWA phambi kokuba kokuthunyelwa kwayo nayiphi na imali eyakumaphondo okanye oomasipala, kwaye mayithobele izicwangciso zokulunyukelwa nokunikwa kwenkazelo njengoko kugqitywe nguVimba-Mali kaZwelonek.

Isibonelelo ngezixhobo zokusebenza zophuhliso Iwamaphondo

10. Igosa eliyintloko lovimba-mali wephondo kufuneka, malunga nolwabiwo lwemo yamaphondo oludweliswe kwisiHlomelo-4, linikezele kuVimba-mali kaZwelonek, ungdululanga umhla woku-1 Apreli 2004, yaye ngendlela equlunqwe nguVimba-mali

kaZweloneke, isicwangciso ngenkcitho ecetywayo yaloo nyaka-mali, unyaka-mali olandelayo nonyaka-mali u2006/2007.

Isibonelelo ngezixhobo zokusebenza zophuhliso loomasipala

11. (1) Ulwabiwo lokulungisa ukusilela kwizixhobo zokusebenza zophuhliso lokupuhuhliswa koomasipala nokuphunyezwa kweenkonzo zoomasipala ludweliswe kwisiHlomelo 6A. 5

(2) Naluphi na ulwabiwo, oluchazwe kwisiqendwana (1) olucetywayo ngokugqibeleleyo okanye ngokusisixa, ukwenzela ukufakela, ukugcina kakuhle okanye ukubuyiselwa esimeni esisiso kwemo yoomasipala, malwenziwe kuphela ngokomgaqonkqubo nolwabiwo oluphunyezwe ngokwesiqendu sama-24(1). 10

(3) Umasipala makathi, malunga nolwabiwo ululungiselelw izipho zezixhobo zokusebenza zikamasipala ezidweliswe kwisiHlomelo 6A, afake kuVimba-mali kaZweloneke kunye nocwangiso mali yakhe ngokwesiqendu 5(7), engadlulanga umhla wama-30 kuJuni 2004 okanye nawuphi omnye umhla oqingqwe nguVimba-mali kaZweloneke, icebo eliyintloko leminyaka emithathu elimalunga nokusetyenziswa kwemali ngoonyaka mali bakamasipala 2004/2005, 2005/2006 no 2006/2007. UVimba-mali kaZweloneke angayalela imiqathango eyongezelelwyo yokunikezelwa kwemali kumasipala osilelalo ukuzalisekisa imiqathango yesi siqendu, kuquka ukuthunyelwa kwemali ezifanele ukuya kumasipala ngomasipala wengingqi okanye elinye iqumrhu loluntu. 15

(4) Icebo leminyaka eliyintloko likamasipala maliquke ezi nkukacha zilandelayo, ngokwendlela eqingqwe nguVimba-mali kaZweloneke: 20

- (i) umasipala wengingqi uye wakwenza kwabaluleka njani ukubhatalwa kwamatyala kwimali edibeneyo yokwakha namanzi ukususela ngomhla wama-30 Septemba 2003, ukususela mhla yafumana ulwabiwo ngqo kwisipho sezixhobo zokusebenza zoomasipala nokwenza elo tyala; 25
- (ii) ukuqikelelw kusekude kwendleko zokusebenza zezixhobo zokusebenza ezitsha nezibuyiselwe emgangathweni;
- (iii) ucwangciso-mali lokuzigcina izixhobo zokusebenza zisebenza nelokusebenzisa izixhobo zokusebenza ezikhoyo; yaye 30
- (iv) ukuba ucwangiso mali lukamasipala luyithathela njani ingqalelo amatyala asezayo.

(5) Umasipala wengingqi ofumana isipho semali yezixhobo zokusebenza makathi kwicebo locwangciso lwakhe lukanyanga ntathu, abonise zonke iimali nolwabiwo olungeyomali olunikezelwyo koomasipala basekhaya. Ulwabiwo phakathi koomasipala bengingqi nomasipala basekhaya maluvunywe kucwangciso mali labo bobabini yaye naluphi na ulwabiwo olungeyomali maluthobele imiqathango yesiqendu 12. 35

(6) Oomasipala abafumana izabelo mabathi zingadlulanga intsuku ezingama-20 zokusebenza phambi kokuphela kwekota nganye emva komhla woku-1 kuJulayi 2004, 40 bafake ingxelo kuVimba-mali kaZweloneke, ebonakalisa iinkukacha zokusetyenziswa kocwangciso mali oluyintloko, nezinye iinkukacha ezicelwe nguVimba-mali kaZweloneke njengoko zixeliwe ekwakhiweni kwezipho lwezixhobo zokusebenza.

(7) Igosa lemali lesebe likazweloneke lorhulumente woomasipala lingathi ngokuvumelana noVimba-mali kaZweloneke nasemva kokuthetha thana namasebe analoxanduva, ababhatale ngqo abo batyalwayo kwimali yowlabiwo lwezipho lwezixhobo zokusebenza eya kumasipala ukulungiselela amatyala adibeneyo enziwe kwizixhobo zokusebenza zikamasipala kunye namanzi kwixesha elidlulileyo ukususela ngomhla wama-30 kuSeptemba 2003, ukuba— 45

- (i) umasipala owamkelayo akakwazi, akafuni okanye usilele ukubhatala amatyala akhe; okanye
- (ii) ukuzalisekisa uxanduva lwakhe lwezivumelwano ekungenwe kuzo phambi komhla wama 30 Septemba 2003.

Ukunikezelwa kwempahla koomasipala

12. (1) Igosa elinikezelayo likazweloneke okanye elephondo alinakwenza nasiphi na isibophelelo kumasipala sokunikezela ngempahla okanye omnye umthombo wemali, kuquka nolwabiwo olungeyelo mali okanye ukunikezela ngempahla ngelixa elizayo olucetywayo, ngokupheleleyo okanye ngezavenge, ukuze kufakelwe, kugcinwe kakuhle okanye kubuyiselwe esimeni esisiso imo yoomasipala ngaphandle kokuthotyelwa— 55

- (a) koqikelelo olululo lwexabiso lempahla ezo kwilixa elizayo nobutyala obunokwenzeka, kuqukwa nembonakalo yohlengahlengiso-yolwabiwo-mali ezidibene neendleko zokusebenza kumasipala ozuzayo;
- (b) ngokokuvuma kwequmrhu likamasipala ukuba uya kuzamkela ezo mpahla neendleko zokusebenza eziza kubakho;
- (c) isivumelwano esibhaliwego soovimba mali ababandanyekayo, ngoko-kwakhiwa okufunwa sisiqendwana (3).
- (2) Igosa elinikezelayo likazwelone okanye elephondo, njengoko kunjalo, kufuneka ngaloo maxesha agqitywe nguVimba-mali kaZwelone linike ingxelo kuVimba-mali kaZwelone ngonikezelo olululo elwensiwe malunga nolwabiwo oluxelwe 10 kwisiqendwana (1).
- (3) UMphathiswa angathi, ngokuvumelana noMphathiswa onoxanduva loorhulumente boomasipala, aqulunqe imgaquo nkqubo yokudlulisa iimpahla. Ukuba imigaquo leyo ichaphazela inkonzo zamanzi, zombane okanye ukuhanjisa kombane, uMphathiswa makathethathethane noMphathiswa obandanyekayo phambi kokuba 15 aqingqe lomgaquo nkqubo.

Ulwabiwo lokupuhhlisa amandla oomasipala

- 13.(1)** Naluphi na na unikezelo lolwabiwo, ngaphandle kwesabelo sikaVimba-mali kaZwelone, olumiselwe ukupuhhlisa nokuphucula imo yoomasipala namandla oomasipala okwenza imisebenzi abayabelwego, lungenziwa kuhela ngokwemigaquo-nkqubo equlunqwe ligosa locwangciso-mali likazwelone elinoxanduva loorhulumente boomasipala, ngokuthethathethane noVimba-mali kaZwelone. 20
- (2) Umgaquo-nkqubo ochazwe kwisiqendwana (1) mawuthabathele ingqalelo ukuphathwa kwemali, uhlenga-hlengiso-mali nezibonelelo zocwangiso oluphangaleleyo, nemfuneko yokuqinisekisa ukuba amandla kamaspala aphuhlisiwe ngokwenene 25 yaye mayiqinisekise ukuba loo masipala uyaphuhliswa ngendlela emetekayo.
- (3) Igosa locwangciso-mali likazwelone okanye elephondo elinoxanduva lolwabiwo lophuhlio loomasipala, malibonakalise kwingxelo yonyaka yesebe, ubungakanani ekuthe kwaphuhliswa ngabo amandla akhe nawuphi na umasipala ngeso-sabelo, nokuba isabelo eso sichithwe kangakanani na kwamanye amasebe abonelela ngoncedo 30 koomaspala.

ISAHLUKO 4

IMISEBENZI YAMAGOSA OCWANGCISO-MALI NOOVIMBA-MALI

Imisebenzi yamagosa anikezela ngemali kazwelone

- 14.** (1) Igosa likazwelone elinikezela ngemali kufuneka, zingedlulanga iintsuku 35 ezili-14 emva kokuqala kokusebenza kwalo Mthetho, liqinisekise kuVimba-mali kaZwelone ukuba—
- (a) imigaquo-nkqubo yolwabiwo-mali, imigaquo nemiba yokuqwalasela iyyiyo kwaye ayibeki luxanduva lungafanelekanga lokulawula koorhulumente bamaphondo naboomaspala abafumana isabelo; 40
- (b) imali iya kunikezelwa kuhela xa iinkcukacha ezifunekayo ngokwalo Mthetho ezisuka kwigosa likazwelone elinikezela ngezimali zinikezelwe;
- (c) imali iya kufakwa kwi-akhawunti yebhanki engundoqo yephondo okanye umasipala: yaye
- (d) lonke olunye ulungiselelo okanye iimfuno ezifunekayo zokunikezela 45 ulwabiwo zithotyelwe.
- (2) Igosa elinikezela ngemali likazwelone elingasithobelanga isiqendwana (1) kufuneka, sinikezele imali ngohlolo oluxelwe nguVimba-mali kaZwelone.
- (3) Igosa elinikezela ngemali likazwelone malinikezele ngalo lonke ulwabiwo oluya kwiphondo okanye kumasipala ngokufaka kwi-akhawunti yebhanki engundoqo yelo phondo okanye masipala, ngaphandle kokuba uVimba-mali kaZwelone uyalele ngakumbi ngezizathu ezingqalamane nolawulo Iwemali olungcono. Phambi kokuba adlulise imali yesipho yokuqala. Igosa lolwabiwo likazwelone malithatthele ingqalelo isaziso esenziwe phantsi kwesiqendwana 19(2) esisuka kuVimba-mali kaZwelone esichaza iinkcukacha zeakhawunti yebhanki engundoqo yayo onke amaphondo okanye 50 oomasipala.
- 55

(4) Ngaphandle kwayo nayiphi na into equlethwe kuwo nawuphi na omnye umthetho echasene nalo, igosa elinikezela ngemali likazweloneke kufuneka, kulo naluphi ulwabiwo, njengenxalenyen yenkazelo echazwe kwisiqendu 40(4)(c) soMthetho wokuPhathwa kweMali zoLuntu, zingedlulanga iintsuku ezingama-20 iphelile inyanga, nangendlela equlunqwe nguVimba-mali kaZweloneke linikezele kuVimba-mali kaZweloneke nakwigosa elililo lolawulo, ngenkukacha zenyanga ekunikwe ngayo ingxelo nangonyaka-mali lowo ukuyakuma ngempela-nyanga leyo, negosa lolawulo, ngale mibandela ilandelayo—

- (a) isixa-mali esinikezelwe kwiphondo okanye kumasipala;
- (b) isixa-mali esilibazisekileyo okanye esibanjiwego nakuliphi na iphondo 10 okanye umasipala nezizathu zoko kulibaziseka okanye ukubanjwa;
- (c) eyona nkcitho emalunga nolo lwabiwo liphondo okanye umasipala ngolwabiwo mali olwenziwe kwiZihlomelo 5,6, no 6A; kunye
- (d) nayo nayiphi na eminye imiba njengoko kunokugqitywa nguVimba-mali kaZweloneke.

5

15

Imisebenzi yamagosa ephondo anikezela ngemali

15. Igosa elinikezela ngemali lephondo kufuneka, njengenxalenyen yengxelo echazwe kisiqendwana 40(4)(c) woMthetho woKuphathwa kweMali zoLuntu, namalunga nalo naluphi na olunye ulwabiwo oluza kwenzelwa oomasipala, zingaphelanga iintsuku ezili-15 emva kwempela-nyanga nganye nangohlobo oluqlunqwe nguVimba-mali kaZweloneke, angenise ingxelo kwigosa lonikezel-mali likazweloneke, uVimba-mali onguye nelungu eliphetheyo kwelo sebe, malunga—

- (a) nesixa-mali esinikezelwe kwiphondo okanye umasipala kwinyanga ekwenziwe ngayo ingxelo leyo;
- (b) nesixa-mali esilibazisekileyo okanye esirhoxisiwego kulo naliphi na iphondo 25 okanye umasipala kwinyanga ekwenziwe ngayo ingxelo leyo;
- (c) inkcitho eyiyo malunga nolo lwabiwo kwinyanga ekwenziwe ngayo ingxelo ekupheleni kwayo loo nyanga; yaye
- (d) nayo nayiphi na eminye imiba enokugqitywa nguVimba-mali kaZweloneke.

20

25

Imisebenzi yamagosa angumamkeli-mali

30

16. (1) Igosa lingumamkeli-mali kufuneka, malunga nolwabiwo oluza kwensiwa—

- (a) kwiphondo, nanjengenxalenyen yengxelo echazwe kwisiqendwana 40(4)(c) soMthetho woKuphathwa kweMali zoLuntu, zingaphelanga iintsuku ezili-15 emva kwempela-nyanga nganye, lingenise ingxelo kuvimba-mali wephondo nakwilungu elililo eliphetheyo kwiphondo nakwigosa elinikezela ngemali 35 likazweloneke; yaye
- (b) kumasipala, zingaphelanga iintsuku ezili-10 emva kwempela-nyanga nganye, lingenise ingxelo kwigosa elililo elinikezela ngemali likazweloneke okanye lephondo.

(2) Iingxelo ezichazwe kwisiqendwana (1) mazidwelise malunga naloo nyanga kunye 40 nonyaka-mali ukuya kuma ngaloo mpela-nyanga—

- (a) isixa-mali esifunyene liphondo okanye umasipala, ngokwemo ekuyiyo;
- (b) isixa-mali esilibazisekileyo okanye esibanjiwego liphondo okanye umasipala, ngokwemo ekuyiyo;
- (c) eyona nkcitho yephondo okanye umasipala, ngokwemo ekuyiyo, malunga 45 nolwabiwo oludweliswe kwiziHlomelo-5, 6, no 6A;
- (d) ubungakanani bokuthotyelwa kwemiqathango yowlabiwo kunye nalo Mthetho;
- (e) inkcazel nangaziphi na iingxaki ezingundoqo ezibekho okanye utshintsho olwenziwe liphondo okanye umasipala, ngokwemo okuyiyo, malunga 50 nesabelo esamkelwego kunye nesishwankathelo samanyathelo athathiweyo ukuhlangabezana nezo ngxaki okanye iziphumo zolo tshintsho; yaye
- (f) nayo nayiphi na eminye imiba nenkukacha anokugqiba ngazo uVimba-mali kaZweloneke.

(3) Igosa lwemali likamasipala malifake kuVimba-mali kaZweloneke 55 okubhaliweyo—

- (a) ngoko nangoko emva kokuqalisa ukusebenza kwalo Mthetho, iinkcukacha zeakhawunti yebhanki engundoqo yomasipala; yaye

(b) ngoko nangoko emva kokuvulwa kwe akhawunti yebhanki engundoqo entsha, iinkukacha zalo bhanki engundoqo entsha.

(4) Igosa elingumamkeli-mali likamasipala wengingqi elinenjongo zokwenzela omnye umasipala ulwabiwo, okanye inxalenyne yalo, olunikezelwe ngokwalo Mthetho, okanye inxalenyne yololwabiwo, lungalululisa olo lwabiwo ngaphandle kokuba lonke ulwabiwo luyabonakala kucwangciso mali lwabo bobabini abo masipala ngomhla woku-1 kuJulyai 2004, okanye ngelinye ixesha elivunywe nguVimba-mali kaZwelone.

(5) UMphathiswa angenza imimiselo ngemisebenzi eyongezelelweyo yamagosa oomasipala abachazwe kwisiqendwana (4).

Imisebenzi yamagosa ocwangciso-mali noovimba-mali bamaphondo

10

17. (1) UVimba-mali wephondo makapapashe kunye nolwabiwo-mali Iwayo lonyaka, okanye kwiGazethi yephondo, ungaadlulanga umhla wama-30 Apreli 2004, ulwabiwo-mali lukamasipala, yalo naluphi na ulwabiwo olwenziwe liphondo kumasipala.

(2) ILungu Lesiqqeba elinoxanduva Iwemicimbi yezemali kwiphondo malithi, 15 kupapasho oluchazwe kisiqendwana (1), libonise ulwahlulo lolwabiwo olucetywayo kweso siqendwana malunga nomasipala, malunga nonyaka-mali olandelayo noonyaka-mali wama-2006/2007.

(3) UVimba-mali wephondo makathi, zingaphelanga iiintsuku ezingama-22 emva kwempela-nyanga nganye, nangohlobo agqibe ngalo uVimba-mali kaZwelone, 20 nanjengenxalenyne yengxelo yalo eqlunqiweyo yenyanga, anike ingxelo malunga—

- (a) nolona nkezelo-mali lufunyenweyo liphondo kumasebe kazwelone;
- (b) neyona nkcitho kolo Iwabiwo, ngaphandle kolwabiwo oludweliswe kwisiHlomelo 4, ukuya kuma kwimpela-nyanga leyo;
- (c) olona Iwabiwo olwenziwe liphondo luszelwa oomasipala, noqikelelo 25 Iwenkcitho yoomasipala kolo Iwabiwo;
- (d) naziphina iingxaki zokuthobela loMthetho ahlangabezena nazo amagosa ephondo anikezela ngemali nawayamkelayo, namanyathelo athathiweyo ukulungisa ezo ngxaki.

(4) Ingxelo echazwe kisiqendwana (3) emalunga nolwabiwo olulung selelw 30 izixhobo zokusebenza zephondo, mayiquke iingxelo zekota nganye ngohlobo oluqulunqwe nguVimba-mali kaZwelone.

(5) Nangani kukho nantoni equlethwe komnye umthetho, uvimba mali wephondo makathi, ngokumalunga nemigaqo nkqubo yokunkika ingxelo eqingqwe nguVimba mali kaZwelone, enze ulwabiwo oluya koomasipala olube lungapapashwanga 35 ngokwesiqendu ngokwesiqendu (1).

(6) Ulwabiwo oluxelwe kwisiqendwana (5) malupapashwe kwiGazethi yephondo phambi kokuba kwensiwe ulwabiwo.

Amaxwebhu emaili ka2004/2005

18. (1) Ama webhu emali zonyaka mali wama-2004/2005, zesebe elinikezela ngemali 40 yowlabiwo edweliswe kwiziHlomelo 4, 5, 6, 6A no 7, kudityaniswa iimfuno zawo nawuphi na uMthetho malunga noko mayi—

- (a) bonise isiphumo sesixa-mali solo Iwabiwo kwiphondo ngalinye okanye umasipala;
- (b) bonise imali, ukuba zikhona, ebezibaniwe nezizathu zoko kubanjwa; 45
- (c) qinisekise ukuba lonke unikezelo-mali kwiphondo okanye umasipala lufakwe kwi-akhawunti yebhanki engundoqo yephondo okanye umasipala;
- (d) bonise ukuba iphondo okanye umasipala liqwalaselwe njani ukuba liyayithobele imiqathango yowlabiwo nemiba yalo Mthetho;
- (e) bonise ubungakanani eluthe ulwabiwo Iwaziphumeza ngazo iinjongo 50 neziphumo zalo;
- (f) bonise, apho kwenzekayo, iimali, ukuba zikho, ezisetyenziselwe ukuphathwa kolwabiwo, nokuba enye inxalenyne yowlabiwo igcinwe lisebe elinikezela ngemali ngeso sizathu; yaye
- (g) bonise nakuphi na ukungathotyelwa kwalo Mthetho, namanyathelo 55 athathiweyo ukuhlangabezanu noko kungathotyelwa.

(2) Amaxwebhu emali isebe lephondo elifumana imali-zipho malunga nolwabiwo oludweliswe kwiziHlomelo-4, 5, 6 no 6A kufuneka kwakhona ngokomthetho omalunga noko—

- (a) libonise isixa-mali salo lonke ulwabiwo ethe yalufumana;
 (b) libonise isixa-mali senkcitho yalo lonke ulwabiwo ngaphandle kolwabiwo oluqulethwe kwesiHlomelo 4;
 (c) liqinisekise ukuba lonke unikezelo-mali ngokwalo Mthetho kwiphondo okanye umasipala lufakwe kwi-akhawunti yebhanki engundoqo yephondo okanye umasipala lowo;
 (d) libonise ubungakanani elithe iphondo okanye umasipala lahlangabezana ngabo nemiqathango yolo lwabiwo laze laphumeza imibandela yalo Mthetho;
 (e) ibonise ubungakanani ezi the iinjongo zolo lwabiwo zaphunyeza ngabo; yaye
 (f) iqulathe naziphi na iinkcukacha ekugqitywe kuzo nguVimba-mali kaZwelone.
- (3) Amaxwebhu ocwangciso mali onyaka nengxelo yonyaka kamasipala kanyaka mali ka2004/2005 kufuneka enziwe ngokoMthetho wokuPhatha iMali zooMasipala.
- (4) UVimba-mali kaZwelone angaggiba ukuba amasebe adlulisa imali noomasipala abamkelayo mabanike ingxelo ngolwabiwo loorhulumente bamaphondo qho ngekota ukulungiselela ucwangciso mali llweminyaka mali kazwelone neyoomasipala.

ISAHLUKO 5

IMISEBEZI KAVIMBA-MALI KAZWELONKE KUNYE NEYOMPHICOTHI-ZINCWADI-JIKELELE

20

Imisebenzi kaVimba-Mali kaZwelone

- 19.** (1) Uvimba-mali kaZwelone, ngeenjongo zengxelo echazwe kwisiqendu 32(2) soMthetho wokuPhatha kweMali zoLuntu, makapapashe ingxelo ngonikezelo-mali olululo malunga nolwabiwo-mali oludweliswe kwiziHlomelo esichazwe kwisiqendu 7 okanye ezenziwe phantsi kwesiqendu 9.
- (2) uVimba-mali kaZwelone makathi, ngomhla woku 1 kuAprili 2004, enze isaziso kuwo onke amagosa kazwelone anikezela ngemali, equlethe inkcukacha zeakhawunti yebhanki engundoqo yawo onke amaphondo nomasipala.
- (3) uMphathiswa angathi, ngokubhaliweyo anikezele amagunya anikezelwe kuVimba-mali kaZwelone ngokwaloMthetho kuMlawuli-Jikelele kaVimba-mali kaZwelone.
- (4) UMLawuli-Jikelele kaVimba-mali kaZwelone angathi ngokubhaliweyo, anikezele nawaphi na amagunya anikezelwe ngoswe isiqendu (3) kwigosa likaVimba-mali kaZwelone.

Imisebenzi yoMphicothi-Zincwadi-Jikelele

35

- 20.** (1) Ngaphandle kokuphambuka kumaguna nemisebenzi oMphicothi- Zincwadi-Jikelele ngokoMgaqo-Siseko nawo nawuphina omnye umthetho, uMphicothi-Zincwadi-Jikelele, ekuphicotheni amaxwebhu olwabiwo oluchazwe kwiSahluko-3 okanye kwingxelo eyiyodwa emayifakwe ePalamente malunga—
- (a) nobungakanani bokuthotyelwa kwalo Mthetho ngamagosa onikezelo-mali 40 kazwelone kunye namagosa onikezelo- mali ephondo namagosa amkela imali;
- (b) nokuba kubekho ukuthotyelwa kwemiba yokuqinisekiswa nemfuneko yokunkwa kwengxelo ngokwalo Mthetho;
- (c) nokuhlelwa kobungqina obuxhasa izixa-mali nokuvezwka kweengxelo 45 ezichazwe kulo Mthetho ngeengxelo zenyanga nezonyaka;
- (d) nokuba igosa elinikezela ngemali likazwelone okanye lephondo lenze unikezelo olungagunyaziswanga nakuliphi na iphondo okanye umasipala okanye iqumrhu loluntu okanye qumrhu limbi;
- (e) nokuba imo zokuqwalesela zesebe elidlulisa imali zaziyithobela imiqathango 50 yaloMthetho;
- (f) ukuba ulwabiwo ngalunye oluya kwiphondo okanye umasipala lwenziwe ngokungqinelana nalo Mthetho; kunye
- (g) neminye imiba yempatho-mali ephakathi korhulumente enokuthi imiselwe.
- (2) Icandelo lophicotho zincwadi lwangaphakathi lesebe okanye umasipala nekomiti yalo yophicotho zincwadi malwakhe indlela zalo, nemo yokulungiselela uphicotho-zincwadi lwangaphakathi oluxelwe kwisiqendwana (1).

ISAHLUKO 6**NGOKUBANZI****Ukulyaziswa kwentlawulo**

21. (1) Ngokulawulwa sisiqendwana (2), igosa elinikezela ngemali, emva kokuthetha-thethana noVimba-mali kaZwelonke kunye novimba-mali wephondo ofanelekileyo, lingakulibazisa, ngethuba elingedlulanga kwiintsuku ezingama-30, ukunikezelwa kumasipala okanye kwiphondo kulwabiwo oluchazwe kwiSahluko 3 okanye nayiphina inxalenyne yolo lwabiwo, olusuka komnye umasipala luye komnye kuloo ngingqi, ukuba—

- (a) umasipala lowo okanye iphondo aliyithobeli imiqathango olwenziwe phantsi 10 kwayo ulwabiwo olo;
- (b) umasipala waphule okanye utha gqolo esaphula imiba yesiqendu 5(6) okanye 5(7); okanye
- (c) inkcitho kunikezelo-mali Iwangaphambili ibonakalisa inkcitho-mali ewe 15 nganeno ebonakalayo kwaye akukho nkcazo yanelisayo inikiwego.

(2) UVimba-mali kaZwelonke emva kokubonisana negosa lephondo elifanelekileyo angavumela ukulyaziswa konikezelo-mali ngexesha elidlulileyo kwiintsuku ezingama-30 ukuba oko kultyaziswa kuya kuqinisekisa ukuthotyelwa kwemiqathango olwenziwe phantsi kwayo ulwabiwo okanye kuqinisekise inkcitho ebonakalayo kolo lwabiwo.

(3) Igosa lonikezelo-mali likazwelonke kufuneka, kwiingxelo zenyanga ezichazwe kulo Mthetho, lazise uVimba-mali kaZwelonke ngamanyathelo okuhlangabezana nezizathu zokulibaziseka kwentlawulo.

Ukubanjwa kwentlawulo

22. (1) UVimba-mali kaZwelonke phantsi kwemiqathango yesiqendu 216 soMgaqo 25 Siseko angalubamba unikezelo-mali lo—

- (a) Iwabiwo oludweliswe kwiZihlomelo 4, 5, 6 no 6A, okanye inxalenyne yalo; okanye
- (b) Iwabiwo ngokwesiqendu 5; okanye
- (c) Iwabiwo ngokwesiqendu 9, 30 ukuba igosa lonikezelo-mali likazwelonke lifake kwiphondo okanye umasipala, njengoko imo injalo, ingxelo ebhaliwego, ubuncinane iintsku ezingama-21 phambi kokuba kufaneleke ukuba ulwabiwo olo lunikezelwe, idwelise iinkcukacha ezibonakalisa ulwaphulo olumandla oluthe gqolo Iwemiqathango olwenziwe phantsi kwalo ulwabiwo olo, okanye ekufumaneni iingxelo eziphicothiwego zeminyaka edlulileyo ezibonakalisa ukwaphulwa ngamandla okanye okuthe gqolo kwalo Mthetho.

(2) UMPATHISWA unako, ukuvumela ukuba ulwabiwo, okanye inxalenyne yalo, obelubanjiwe kumasipala phantsi kwesiqendu (1), lusetyenziselwe ukuhlangabezana nezibophelelo zemali ezisileleyo zikamasipala ezsenthethweni.

(3) Usetyenziso Iwemali oluchazwe kwisiqendwana (2), luya kuba yintlawulo-ngqo 40 kwiNgxowa-mali yeMali-Ngeniso kaZwelonke.

Amalungiselelo omzuzwana olwabiwo

23. (1) Igosa lonikezelo-mali likazwelonke okanye igosa lonikezelo mali Iwephondo linako malunga noomasipala bengingqi nabasekhaya, ngemvume ebhaliwego kaVimba-mali kaZwelonke, nasemva kothetha-thethwano noomasipala abachaphazeleyo, 45 ukwenza impinda yolwabiwo-mali oluxelwe kwisiqendu sesi 7, okanye inxalenyne yalo, ukusuka komnye umasipala ukuya komnye kuloo ngingqi—

- (a) ukuba ulwabiwo kwakhona luyafuneka ukulungiselela ukwahluwlwa kwemisebenzi phakathi kwengingqi yaye nokunciphisa ukusetyenziswa kancinci imali; okanye
- (b) ukuba umasipala wengingqi okanye basekhaya abavumi ukuthobela ukwenza 50 nayiphi na imisebenzi yenkonzo zikamasipala.

(2) Igosa likazwelonke elinikezela ngemali malithi, ngemvume ebhaliwego kaVimba Mali kaZwelonke, yaye emva kokuthethethana namaphondo abandanyekayo, liphinde lwabe isifo esipheleleyo seHIV neAIDs, okanye inxalenyne yaso ukusuka kwelinje 55 iphondo ukuya kwelinje, ukuba olo lwabiwo kwakhona luyimfuneko

ukudlulisa izimali ukusuka kumaphondo asebenzisa imali encinci ngonyaka njengoko kuvunyelwene negosa likazweloneke lonikezelo ekuqaleni konyaka-mali.

(3) UVimba-mali kaZweloneke makapapashe kwiGazethi iinkcukacha zalo naluphi uphando Iwabiwo-mali elwenziwe phantsi kwesiqendwana (1) okanye (2) phambi kokuba kwensiwe unikezelo mali oluza kwenza impinda yolwabiwo isebenze. 5

Inkcitho ngenjongo naphantsi kwemiqathango

24. (1) UMphathiswa makapapashe kwiGazethi, malunga nolwabiwo oludweliswe kwiSihlomelo 4, 5, 6, 6A okanye 7, ungdadulanga umhla wama-1 Apreli 2004, imiqathango nezinye iinkcukacha malunga nolwabiwo mali. Olo papasho maluquke lonke ulwabiwo-mali loomasipala ngamnye nesiphoo-mali ngasinye esikwi Sihlomelo 6, 10 6A okanye 7.

(2) Ngaphandle kwayo nantoni engangqinelani noku equlethwe kuwo nawuphi na umthetho, isabelo esidweliswe kwiSihlomelo 4, 5, 6, 6A okanye 7 singasetyenziswa kuphela ngendlela emiselweyo kwisihlomelo esimalunga nolwabiwo okanye imiqathango epapashwe nguMphathiswa kwiGazethi. UMphathiswa makapapashe 15 kwiGazethi naluphina utshintsho olwenziwe emva komhla woku-1 kuApreli 2004 kulwabiwo okanye imiqathango ngokweziqendu-9 no 23.

(3) Ukusetyenziswa kolwabiwo oludweliswe kwiZihlomelo ngezizathu ezingeziwo ezo zidweliswe kwiZihlomelo ezichaphazelekayo, kudala ulwaphulo Iwemigaqo 20 eyensiwe phantsi kwesiqendu 21(1) soMgaqo siseko.

(4) Nakubeni kukho nayiphina into ekwiziqendwana (1) no (2), uVimba-mali kaZweloneke angagunyazisa iphondo okanye umasipala ukuba agcine kwaye asebenzise inxalenyem yemali zolwabiwo oluchazwe kwiZihlomelo ezidweliswe kwisiqendu 7, esalele emva kokufezekiswa kweenjongo zololwabiwo ngemiqathango ebelwenziwe ngayo. 25

Unikezelo-mali olwenziwe ngempazamo

25. (1) Nakubeni kukho nayiphi na into echasene noku ekomnye umthetho, unikezelo-mali yolkwabiwo kwiphondo, olwenziwe ngempazamo, luthathwa ngokuba akufanelekanga ukuba luye kweloo phondo ngokusemthethwani ngenjongo zeNgxowamali yeMali-Ngeniso yephondo elo. 30

(2) Unikezelo-mali oluchazwe kwisiqendwana (1) malulungiswe ngaphandle kokulibazisa ligosa lonikezelo-mali likaZweloneke.

(3) UVimba-mali kaZweloneke angagunyazisa ukuba ukulungiswa konikezelo-mali oluchazwe kwisiqendwana (1) malwenziwe ngokuthatha isixa esithile kwimali ebisiya 35 kunikezelwa kwilixa elizayo kwiphondo elo, ebekuya kufaneleka ukuba Iwensiwe ngokungqinelana nesihlomelo sentlawulo.

(4) Nakubeni kukho nayiphi na into echasene nale ekomnye umthetho, unikezelo-mali yolkwabiwo kumasipala, olwenziwe ngempazamo, luthathwa njengolungafanelekanga ngokomthetho kuloo masipala kwaye kufuneka lulungiswe ngaphandle kokulibazisa ligosa lonikezelo-mali likazweloneke okanye lephondo. 40

(5) Igosa locwangciso-mali lesebe likazweloneke elinoxanduva loomasipala lingagunyazisa ukuba ukulungiswa konikezelo-mali oluchazwe kwisiqendwana (4) malwenziwe ngokuthatha isixa kunikezelo-mali kumasipala ochaphazelekayo, ebekuya kufaneleka ukuba ihlawuleke ngokwesihlomelo sentlawulo. 45

Unikezelo-mali koomasipala abanolawulo olubuthathaka

26. (1) Ukuba igosa locwangciso-mali likazweloneke elinoxanduva loorhulumente boomasipala likholelwana ngakhona ukuba—

(a) umasipala wasekhaya akakwazi ukulawula ngokufanelekileyo ulwabiwo oluxelwewe swisiqendu 7, okanye inxalenyem yolkwabiwo elo gosa lingathi, ukulungiselela ukuphatha kakuhle ulwabiwo, lidlulise olo Iwabiwo okanye inxalenyem yolkwabiwo wengingqi okanye wasekhaya kulo ngingqi emva kokuthethathe thana nabo masipala abachaphazelekayo; 50

(b) umasipala wengingqi ongakwaziyo ukulawula ngendlela efanelekileyo olo Iwabiwo oluxelwewe kwisiqendu 7, okanye inxalenyem yolkwabiwo, elo gosa lingadlulisa olo Iwabiwo okanye inxalenyem yolkwabiwo kumasipala wasekhaya kuloo ngingqi, emva kokuthetha thethana noomasipala abachaphazelekayo. 55

(2) Naluphi na ulwabiwo, okanye isixa salo, ngokuchazwe kwisiqendwana (1) maluphathwe liphondo okanye umasipala ebelunikezelwe kuye ulwabiwo olo ngokwemiyalelo yegosa locwangciso-mali lesebe likazwelone elinoxanduva lomasipala.

(3) Igosa locwangciso-mali lesebe likazwelone elinoxanduva loorhulumente boomasipala malipapashe kwiGazethi inkukacha zolwabiwo mali ezichazwe kwisiqendwana (1). 5

Imali mazilandele unikezelo lwemisebenzi okanye iimbophelelo

